

# Ibali

## USpoti uya evenkileni

UZinzi noSam bahlala notata wabo kunye nomama wabo, uMa Madiswa. Banenjanana egama linguSpoti. Wonke umntu uyamthanda uSpoti. Xa usihla ngendlela usuka kokwabo kukho ivenkile yespaza. Le yivenkile kaMnumzana Ibrahim.

Ngomnye uMgqibelo, uMa Madiswa wathi, "Zinzi noSam khanincede niye evenkileni. Ndifuna isonka, amaqanda nebhoto, ubisi kunye nejem." UZinzi noSam bayakuthanda ukuthunywa ngumama wabo evenkileni, baze bathi, "Ewe Mama."

Baqale ngokubhala uluhlu lwezinto abaza kuzithenga, waze umama wabo wabanika imali, bahamba ke.

USpoti ubaleke emva kwabo. Uyakuthanda ukuya evenkileni, ngakumbi ngoMgqibelo xa umnumzana Ibrahim ethengisa iipayi.

Evenkileni, uMnumzana Ibrahim uthe, "Molweni Zinzi noSam, unjani uSpoti?" Abantwana bathi, "Molo nawe Mnumzana Ibrahim". USpoti ujiwuzise umsila. Baze kwakhona bajonga uluhlu lwezinto abaza kuzithenga. Bathe, "Sicela ilofu yesonka, amaqanda amathandathu, ibhoto, ubisi kunye nejem?"

Umnumzana Ibrahim ufake yonke into eplastikini waze wabafakela enye yeepayi zakhe ezikhethekileyo kule ngxowa yeplastiki. Bamnike imali bathi, "Enkosi kakhulu Mnu Ibrahim, siyazithanda iipayi zakho!" Bawangazelisa izandla bambhayibhayisa.

UZinzi noSam bahamba baya ekhaya, kodwa babencokola kakhulu kangangokuba zange baqaphele ukuba uSpoti akahambi nabo. Bathe bakufika ekhaya, umama wabo wathi, "Zinzi! Sam! Uphi uSpoti?" Owu nkosi yam, uSpoti khange abalandele ukuya ekhaya. Abantwana bakhathazeka kakhulu.

Kwangelo xesha kunkqonkqoziwe emnyango. UZinzi wavula, kanti nguMusa. Wayephethe uSpoti. Bonke bathi, "Yhu, enkosi Musa, ungumhlobo wenene!" UMusa ubaxelele ukuba umfumene evenkileni uSpoti, esitya izikhokho phantsi. UZinzi noSam bamphakamisa uSpoti, baze bamanga kakhulu.

**Liphela njalo ke ibali lethu.**

